basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## 2018

## IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam inamaphepha ali-14.**

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

## ISICATSHULWA A

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.1 | 1.1.1 | Kungokuba usaxoxiswa ngokufunyaniswa engekho kwigumbi lakhe lokulala ngobusuku bangoMgqibelo.√√ | (2) |
| | 1.1.2 | Yokuba ngumntu odumileyo ekusoloko kuthethwa ngaye.√√ | (2) |
| | 1.1.3 | Ngokuchanekileyo kuba ubengugqirha ophum'izandla onyanga izifo ezincanyiweyo. √√ | (2) |
| | 1.1.4 | EFort Hare√ | (1) |
| | 1.1.5 | UThamsanqa namapolisa babaxhwarhela, bathi bakungena evenkileni bababamba.√√ | (2) |
| | 1.1.6 | Yokuba uMpumelelo aqhele ukuzisebenzela.√√ | (2) |
| | 1.1.7 | Ngowokuba uYolisa makabe ngunozala kaMpumelelo. √√ | (2) |
| | 1.1.8 | B√/B. ULungile watshata noMebhelina√/ULungile watshata noMebhelina.√ | (1) |
| | 1.1.9 | Ngokuba ubukrwada bukaNomakhwezi nokulunga kukaLungile kwenze ukuba kudaleke impixano eqhubele phambili ibali.√√ | (2) |
| | 1.1.10 | Yokuba ngokwentlalo yesiNtu akabikho umntwana oyinkedama bekhona abantu√√/yokuba ukungabinabazali akusosithintelo kwimpumelelo yomntu. √√<br>(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) | (2) |

**KUNYE**

## ISICATSHULWA B

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.2 | 1.2.1 | Sesokuba wathenga ootsotsi ukuba baye kutshisa ivenkile yakwaNtsibande.√√ | (2) |
| | 1.2.2 | Wamxelela ukuba iincwadi zevenkile zihlala ezibhankini nasemagqwetheni.√√ | (2) |
| | 1.2.3 | Yokuba uThamsanqa uzithembile√√/akoyiki nto√√/akoyiki ngokoyikiswa.√√ | (2) |
| | 1.2.4 | AbakwaMakwetshu babesithi laa venkile ililifa labo ngoko ke ayifanelanga ukuba ithengiselwe uLungile.√<br>Abahlali baseGliblands babesithi uLungile akafanelanga kuyithengiselwa laa vekile kuba akangomZulu√/babesithi uLungile akayonzalelwane yaseThekwini ngoko ke akafanelanga kuthengiselwa laa venkile.√ | (2) |
| | 1.2.5 | Amashishini akhula anempumelelo.√ | (1) |

1.2.6 Osicaba√ kuba ubonakalisa icala elinye/akaguquki√ nanjengoko engakhange aguquke kwisimo sakhe sobukrwada kwade kwayimini yakhe yokugqibela.√ (3)

1.2.7 Sikwinqanaba lovuthondaba√ kuba izinto kwesi siganeko zikwinkcochoyi √, nanjengoko esi siganeko sokubanjwa kwabatsotsi sikhokelele ekutshiselweni kukaNozililo ongumchasi.√ (3)

1.2.8 Ngowokuba ubomi bungamahlandinyuka√√/iimeko zobomi ziyaguquguquka√√/impumelelo isentabeni.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* –MAP Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Kungokuba wayewuthanda kakhulu kwaye wawuza kube uboniswa okokugqibela.√√ (2)

2.1.2 Eyokuba ebemele ukucaphuka kakhulu.√√ (2)

2.1.3 Ngokuchanekileyo kuba nangona wayexelelwa ngabantu ngobudlalani bukaEddie wayengafuni kuyikholelwa loo nto iyinyani kuba wayethandana naye noLulama Zuma.√√ (2)

2.1.4 Uye kwaSis' MamKhey.√ (1)

2.1.5 Ngokuya kuqonda emapoliseni ukuba uza kukhululwa nini uLinda√√/ngokunika uHlobo iinkcukacha malunga neendwendwe zaseMoonglow ezazihambele kwaLinda ngomhla uHlobo awafumana ngawo ivolovolo kaLinda eyayikade ilahlekile√√/ ngokuthi ngomhla wokuxoxwa kwetyala likaLinda ibenguye yedwa uDuma okhoyo kwizihlalo zabaphulaphuli.√√ (2)

2.1.6 Yokuphanda ukuba akukho mntu wesibini wayenokuthi kanti naye uthenge idyasi ye*mink* efana nekaLinda Monti, aze afumane igama lakhe ukuba ukhona.√√ (2)

2.1.7 Wawusithi ukuba kunokwenzeka into kuEddie, uLinda aze agqithisele i*tape recorder* kaEddie emapoliseni.√√ (2)

2.1.8 B√/B UThembisa Ntlokonkulu wabanjelwa ukunxila√/UThembisa Ntlokonkulu wabanjelwa ukunxila.√ (1)

2.1.9 Ngokuba ubukho bukaEddie obuthiyileyoububi nenkohlakalo noThembisa Ntlokonkulu olimenemene kwenze ukuba kudaleke impixano eliqhubele phambili ibali.√√ (2)

2.1.10 Eyokuba ubugewu abuhlawuli√√/eyokuba ubugewu abunamandla ukudlula umthetho√√/eyokuba imigewu ayizimeli kuphele.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA D

2.2 2.2.1 Kungokuba ucinga ukuba uLinda nguye obulele uEddie Maga noLulama Zuma.√√ (2)

2.2.2 Yeyokuba UNkosikazi Hobe ufumene ukuba uNkosikazi Hobe usaphila wanikwa nedilesi yakhe. √√ (2)

2.2.3 Yokuba iqinisekile imantyi ngolwazi enalo malunga nezityholo ezibekwa uLinda Monti.√√ (2)

2.2.4 Lolwe*Tape Recorder uEddie* awayinikwa nguJoe Bumba.√
Lulwazi ngenenekazi elilelinye elalinxibe i*Mink Coat.*√ (2)

2.2.5 Kukufumaneka kwesiqinisekiso sokuba i'*Tape Recorder*' igcinwe kule ndawo√/kukufumaneka kwe'*Tape Recorder*' equlethe ubungqina bababulali baka Eddie noLulama.√ (1)

2.2.6 Ongqukuva√ kuba unawo onke amacala obuntu√ nanjengoko eguquka kwisimo sakhe sokuba linenekazi lodumo elizihloniphileyo, asele utywala eshibhini, anxile de angazazi√/ akukhathazeka.√ (3)

2.2.7 Sikwinqanaba lokujiya kwezinto√ kuba impixano iya ikhula√ xa ubungqina obekukholelwa ukuba buyinyani buphikiseka kuvela izikroba kuphando lukaHlobo.√ (3)

2.2.8 Ngowokuba akukho nto ifihlakala kude kuphele.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

## UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta

## ISICATSHULWA E

3.1 3.1.1 Kungokuba wayebaleka impatho embi awayeyifumana kuMamTolo.√√ (2)

3.1.2 Yokuba wayengengomfundi ubalaseleyo√√/wayengagqamanga.√√ (2)

3.1.3 Ngokungachanekanga kuba uMonwabisi ubonakalise ubukhali bengqondo nanjengoko enze amacebo okuvusa amashishini kaThandabantu awayebhanga, awakhulise ngempumelelo, anda.√√ (2)

3.1.4 NguMthatha.√ (1)

3.1.5 Waye akabaqeqesha besakhula ngokuthi angabafundisi umsebenzi esenza uMonwabisi isicaka sabo√√/wayesoloko ebathethelela ebenza ngcono kunabanye√√/wayeziquma izenzo zabo ezingalunganga.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

3.1.6 Yokuqinisekisa ukuba uMonwabisi uza kulukhathalela lonke usapho lukaThandabantu. √√/ Wayefuna ukuqonda ukuba ukulungele na ukuba nguSomashishini kwaye uza kukwazi na ukuqhuba amashishini. √√ (2)

3.1.7 Wawusithi nantoni na afuna ukuyiqonda malunga nala mashishini aze aye kulo.√√ (2)

3.1.8 B √/B UMonwabisi waphumelela isidanga eYunivesithi√/ UMonwabisi waphumelela isidanga eYunivesithi. √ (1)

3.1.9 Ngokuba inkohlakalo kaMamTolo ingquzulene lula nothando lwabantu olukuThandabantu kwaza oko kwaqhubela phambili ibali.√√ (2)

3.1.10 Yeyokuba ubunkedama abumthinteli umntu ukuba angafikeleli kumanqwanqwa aphezulu obomi.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Sesokuba wayenengqumbo ngakuThixo ngenxa yokubhubha kukaGcinumzi.√√ (2)

3.2.2 Wathi abazali bakhe nguMamTolo noThandabantu.√√ (2)

3.2.3 Yokuba sele ezisola ngesenzo sakhe sokuqumbela uYehova ngokufa konyana wakhe.√√ (2)

3.2.4 Kwehla ingeniso kumashishini akhe√
Kwaphuncuka izimilo zabantwana bakhe.√ (2)

3.2.5 Kwehla inkxaso ababemnika yona abantu kumashishini akhe, atsho abhanga.√ (1)

3.2.6 Ongqukuva√ kuba uneempawu zobuntu ngokupheleleyo unawo onke amacala obuntu√, nanjengoko eguquka kwisimo sakhe sokuba nobubele nokuthanda uThixo azale yingqumbo akubhujelwa ngumntwana.√ (3)

3.2.7 Sikwinqanaba lokusonjululwa kwezinto√ kuba zonke iingxaki ebezikho ziyasombululeka√, nanjengoko impixano ibikho kuThandabantu naphakathi kwakhe nabantu isonjululwa.√ (3)

3.2.8 Ngowokuba ekunyamezeleni ukho umvuzo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

## ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Uze kucela uMadala ukuba amthethelele kwintlanganiso yekomiti eza kuxoxa ngaye. √√ (2)

4.1.2 Eyokuba imeko ethile inamathela umntu omnye. √√ (2)

4.1.3 Ngokuchanekileyo kuba ubengacenga uMawonga wema kwisigqibo sokuba makarhoxe emsebenzini. √√ (2)

4.1.4 YiNxarhuni. √ (1)

4.1.5 Wathethisa uMawonga embonisa intlungu alubeke kuyo usapho lwakhe nobungozi azifake kubo. √√ (2)

4.1.6 Yokungena esihlalweni sobunqununu eNobutho. √√ (2)

4.1.7 Ngowokuba makaqinisekise ukuba isitulo sikaZanele nesikaMawonga mazingqamane ukuze bajongane.√√ (2)

4.1.8 B√/B UMawonga walala endleleni onakalelwe yimoto√/UMawonga walala endleleni onakalelwe yimoto.√ (1)

4.1.9 Ngokuba ukuphixanisa kukaMaziko nenzondo kaNdila zenze ukuba kudaleke impixano eqhubele phambili ibali. √√ (2)

4.1.10 Lolokuba ukuthanda imali ngokugqithisileyo kungunozala wobubi. √√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA H

4.2 4.2.1 Akasakwazi ukulawula umzimba wakhe ogqitywe butywala. √√ (2)

4.2.2 Wathi akanakubhenqa tshoba, azithobe isidima. √√/ ndoyika ukwembula ingubo yomntu hleze ndolame√√/ ndicinga ukuba yeyona nto iya kumfaka elwagcibeni√√ (2)

4.2.3 Yokuba isidima sikaMawonga sihlile akasenaxabiso lobutitshala ngokwendlela aziphethe ngayo. √√ (2)

4.2.4 Umpimpe uNdila/ Mawonga ngokunxila esikolweni, watsho wagxothwa. √ (2)
Uhlohle uNdila umoya wempindezelo ngakuMawonga. √

4.2.5 Sesokuzibulala kukaMawonga. √ (1)

4.2.6 Ongqukuva√ kuba uneempawu zobuntu gqibi√ nanjengoko eguquka kwisimo sakhe sokungamthandi uMawonga aphele sele esitsho nangomlomo wakhe ngoku sele engasenamali ukuba ebesele emthanda. √ (3)

4.2.7 Sikwinqanaba lovuthondaba√ kuba impixano ifikelela kwiqondo lokugqibela√ nanjengoko emva koku kuqhubeka apha kulandela isiganeko sokuzibulala kukaMawonga impixano yethe, kubekho injikaphethu ebalini. √ (3)

4.2.8 Ngowokuba impindezelo ijikela umniniyo. √√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

## UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokoti

### ISICATSHULWA I

5.1 5.1.1 Kungenxa yokutshintsha kwesimo sikaDina osuke wangumntwana ohamba esithubeni. √√ Kungenxa yokuzivalela kukaDina egumbini lakhe engathethi namntu. √√ / Kungokuba uDina wayeselehlala kwaThambolenyoka amaxesha amaninzi. √√
[Nayiphi kwezi] (2)

5.1.2 Yeyokuba abazali baya kuhlala bemphethe njengomntwana nokuba yena sele ezibona emdala. √√ ~~/~~Eyokuba uNoyongo ufuna uDina angakhathaleli abazali bakhe~~.~~ √√
[Nayiphi kwezi] (2)

5.1.3 Ngokungachanekanga kuba ukuhlala kwakhe kwaThambolenyoka ebekuhlawulela ngokuba enziwe athengise ngomzimba√√/kuba igumbi alinikiweyo belikwalelokuqhuba ishishini lokuthengisa kwakhe ngomzimba.√√ (2)

5.1.4 YiKapa.√ (1)

5.1.5 Yeyokuba amapolisa kunye noDina athatha abasebenzi bakaNyoka abenza ukuba bajikele uNyoka babengamangqina enkundla wabe uNyoka uyabanjwa. √√/ (2)

5.1.6 Yokumbophelela kumkhuba wokuthengisa ngomzimba ukuze angakwazi ukuphuma.√√ Yokumqhatha efuna ibe ngathi ngumsebenzi uDina aza kuwenza. √√ (2)

5.1.7 Wokuba uNoyongo makawaxelele amapolisa yonke into ayaziyo ngoThambolenyoka noshishino lwakhe.√√ (2)

5.1.8 B √/B UGxalaba waqala wacela umtshato kuNoyongo√/UGxalaba waqala wacela umtshato kuNoyongo.√ (1)

5.1.9 Ngokuba ukuba nomqolo nokumela inyani kukaDina nenkohlakalo kaThambolenyoka eqhutywa kukunyolukela imali kwenza ukuba bangquzulane kutsho kudaleke impixano eqhubele phambili ibali.√√ (2)

5.1.10 Yeyokuba abantu ababhinqileyo bayaxhatshazwa ukwenza inzuzo√√/Abantu ababhinqileyo xa bemile bekulwa ukuxhatshazwa kwabo imeko yabo iyatshintsha.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Sesokunkqangisa uNyoka efuna ukondlelwa abantwana.√√ (2)

5.2.2 Wathi uThambolenyoka asiyongxaki yakhe yekaNoyongo kuba nguye omqhelise iziyobisi√√/wathi asiyongxaki yakhe kuba kudala emyala uNoyongo ukuba makazinkinkishe iziyobisi xa ebanika.√√ (2)

5.2.3 Yokuba uDina uzimisele ukumlwa uThambolenyoka.√√/ Inika ingcinga yokuba ukhathazekile, ucaphukile kwaye unenzondo. √√ (2)

5.2.4 Ziintsuku aza kuphangela ngazo uDina evekini√/ngumvuzo aza kuhlawulwa wona√/yindawo yokuhlala nokutya kwamahala.√
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

5.2.5 Sesokuba wazifumanela umsebenzi onguwo wokuba yithawutha ezibhasini.√/Watsho uKuku walingqina lokuqala lokubambisa uThambolenyoka. √ (1)

5.2.6 Ongqukuva√ kuba uneempawu zomntu gqibi√ nanjengoko aye waguquka kwisimo sakhe sokuxhasa imisebenzi emibi kaThambolenyoka wasebenzisana namapolisa njengengqina lokumbambisa.√ (3)

5.2.7 Sikwinqanaba lokujiya kwezinto√ kuba impixano iya ikhula√ uDina uzimisele ukuziphindezela kuThambolenyoka ngokubhenca inkohlakalo yakhe.√ (3)

5.2.8 Ububi obuyekelweyo buzala obunye ububi√√/akudingeki bantu baninzi kufuneka nje umntu omnye onomqolo ukulwa ububi.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa

### 6.1 'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – LL Ngewu

**ISICATSHULWA K**

6.1.1 Kungokuba kwakusweleke utata wakhe kwafuneka ukuba ancedise uMaVumisa ekukhuliseni abantakwabo.√√ (2)

6.1.2 Yomntu osela kakhulu utywala/othanda utywala.√√ (2)

6.1.3 Kuyichaza ngokuchanekileyo kuba wayebaphendula kakubi abantu abamxoxisela indlela anxiba ngayo.√√ (2)

6.1.4 EThekwini. √ (1)

6.1.5 Wayenenjongo yokuzikhupha ekuthatheni uxanduva lukaninazala obuya ngobusuku yonke imihla.√√ (2)

6.1.6 Wazicelela, wazilobolela, elobola kunina wentombi wawaxelela aMaNdlambe sele ewugqibe yedwa umcimbi wekhazi.√√ (2)

6.1.7 Sesokuba enxiba ngokungandilisekanga engumfazi.√√ (2)

6.1.8 B√/B UMaVumisa wasweleka engekho uNozukile√/UMaVumisa wasweleka engekho uNozukile. (1)

6.1.9 Ngokuba ukumela kukaMluleki izithethe namasiko nokungazisi so kukaQolwana kudale ukruthakruthwano nempixano eziqhubele phambili ibali.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

6.1.10 Lolokuba umntu otyeshela amasiko nezithethe kwintlalo kaNtu ungena kwiingxaki ezingathethekiyo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

**KUNYE**

### 6.2 'ITUTU LASETIKITIKI' – LL Ngewu

**ISICATSHULWA L**

6.2.1 Sesokuba wayegxothiwe kwisikolo sakuCingco.√√ (2)

6.2.2 Yathi uThobile uyageza uthi ngoku afundisayo abe ehleka.√√ (2)

6.2.3 Yeyokuba uThobile uphindela kwizenzo zokuba izinto zabantu.√√ (2)

6.2.4 Wayetyelela abagulayo nababanjiweyo√/waba kwiqela labantu abaphuhlisa intlalo yabantu.√ (2)

6.2.5 Sesokuba agxothwe esikolweni eCwele.√ (1)

6.2.6 Ongqukuva√ kuba uneempawu zobuntu ngokupheleleyo unawo onke amacala obuntu, √ uye waguquka kwisimo sakhe sobututu wagqibela sele esenza imisebenzi emihle, wanguKhonzisizwe negama abizwa ngalo.√ (3)

6.2.7 Sikwinqanaba lokujiya kwezinto√ kuba impixano iyakhula√, nanjengoko isimo sikaThobile sobusela sisiya sixaka.√ (3)

6.2.8 Ngowokuba kungathi kanti umntu enesimo esibi nje akazenzi uyagula.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

## UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye

### 7.1 'IMBONGI' – KN Manciya

7.1.1 'ingcibi'√ (1)

7.1.2 Yimfano-zandi.√ (1)

7.1.3 Kungokuba inobuchule bokuchonga isigama esifanelekileyo kuloo nto ithetha ngayo√√/inobuciko obubodwa bokubeka ngokufanelekileyo oko ithetha ngako.√√ (2)

7.1.4 Iluveza ngokuthi imbongi ayivalwa mlomo kwaye ingumavula kuvaliwe.√√ (2)

7.1.5 Kungokuba inesiphiwo sokufumana imiyalezo kwabangasekhoyo iyigqithisele kwabasaphilayo√√/inesiphiwo sokuthonga ukuze idibanise abantu abangasekhoyo nabaphilayo ngemiyalezo eyifumeneyo.√√ (2)

7.1.6 Yimfundo.√ (1)

7.1.7 Nqwa neletola√, yeyokuba imbongi njengetola ibona izinto ezifihlakeleyo ezinokwenzakalisa isizwe.√ (2)

7.1.8 Kwisitanza sesi-3 ngowokuba imbongi ayithuli kusonakala ayinqandwa ngabaphilayo kuba idlulisa imiyalezo yabangasekhoyo √ kanti kwisitanza sesi-4 ngowokuba imbongi ithula kuphela ngokomyalelo ewufumana kwabangasekhoyo.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

7.1.9 Ngumbongo-nkcazo√ kuba uyachaza√ nanjengoko umbongo wonke uchaza iimpawu nemisebenzi yembongi.√ (3)

7.1.10 Imbongi yonwabile√/ichulumancile√ kuba isebenzisa isigama esincomayo, umzekelo 'nguchul' ukunyathela' 'yinjinga' 'yingcungcu' 'ngumavula-kuvaliwe'.√ (2)

### 7.2 'UNJINGALWAZI PT MTUZE' – Z Mtumane

7.2.1 Sisikhahlelo.√ (1)

7.2.2 B√/B uNjingalwazi ufunde phesheya√/uNjingalwazi ufunde phesheya.√ (1)

7.2.3 Eyokuba uNjingalwazi wayefunda ephangela.√√/eyokuba uNjingalwazi wayefunda kwizikolo ezingena emalanga.√√/ Wayefunda ehlala apho kwakungekho mbane.√√ (2)

7.2.4 Yomibini le miqolo inamagama amane.√√/Umqolo we-16 ulingana nowe-17 ngenani lamagama.√√ (2)

7.2.5 Luxwesiso.√/luphindaphindo oluxwesileyo.√ (1)

7.2.6 Kukudala isingqisho.√ (1)

7.2.7 Kunconywa igalelo labazali bakhe kwindlela abamkhulise bamqeqesha ngayo, galelo elo lidula kwimisebenzi yakhe.√√ (2)

7.2.8 Inkaba√ (1)

7.2.9 Ngoweliso√/ngowokubona√, uphuhlisa ukukhawuleza kwendlela awafuduka ngayo eMetele.√ (2)

7.2.10 Eyokuba baziinzalelwane zaseAfrika.√√ (2)

7.2.11 Umntu waziwa ahlonitshwe ngemisebenzi yakhe.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

**UMBUZO 8: *VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela**

8.1 **'FUNZELA ENZULWINI' – SSM Mema**

8.1.1 'idabi'√ (1)

8.1.2 Igxininisa ukuba oku ikubhekisa kubantu abatsha bebonke√√/idabi lobomi ethetha ngalo imbongi alikhethe sini kulutsha.√√ (2)

8.1.3 Ngokuthi ubomi ngumzamo kosind' amakroti. √√ (2)

8.1.4 Kungokuba ebomini kuze uphumelele kufuneka uziqeqeshe wena siqu ukwazi ukuzeyisa.√√ (2)

8.1.5 Inyama ayifuni kuthotyozwa√/ayifuni ukuba lidini lokuzisa impumelelo√/ayifuni kulinda ijonge inzaliseko.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya lwamkeleka.) (1)

8.1.6 Yimfano-zandi.√ (1)

8.1.7 Axel' isikhukukazi √
Ngokufana nesikhukukazi sona singembi nzulu.√ (2)

8.1.8 Kwisitanza sesi-5 ngowokuba umntu makabeneenjongo ebomini asebenze nzima ukulwa nemiqobo ephambi kwakhe ukuze azifezekise√ kanti kwisitanza sesi-6 ngowokuba umntu ofuna impumelelo ufanele ukuba azinxweme kwabo bangazimiselanga ntweni.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

8.1.9 Ngumbongo- nkuthazo√ kuba imbongi iyakhuthaza√ nanjengoko ikhuthaza abantu ukuba basebenze nzima nangokuzinikela ukuze baphumelele ebomini.√ (3)

8.1.10 Imbongi yonwabile√/ichulumancile√kuba isebenzisa isigama esincomayo, umzekelo 'Sinelunda' 'kuqhayisa' 'ngendityibela'. (2)

8.2 **'INTABA KANDODA' – LS Ngcangata**

8.2.1 Kukukhahlela.√ (1)

8.2.2 B√/Intaba kaNdoda ikwisizwe samaZulu√/
Intaba kaNdoda ikwisizwe samaZulu. √ (1)

8.2.3 Eyokuba le ntaba inendima ebalulekileyo kwindalo√√/le ntaba ibukwa nayindalo.√√ (2)

8.2.4 Umqolo we-13 nowe-14 iyalingana ngenani lamagama√√/yomibini le miqolo inamagama amahlanu. √√ (2)

8.2.5 Luphindaphindo oluthe ngqo.√ (1)

8.2.6 Kukudala isingqisho.√ (1)

8.2.7 Isizwe samaXhosa siyazidla asizoyikiseli ngale ntaba ngenxa yokuba inembali kuso.√√ (2)

8.2.8 Ngoweliso√/ngowokubona√, uphuhlisa ubude bale ntaba obulunxibelelwano nezulu.√ (2)

8.2.9 unqwenelo√ (1)

8.2.10 Zinike imbali ngamaXhosa aselephila kwelemimoya.√√ (2)

8.2.11 Le ntaba ililifa kumaXhosa kuba igcine imbali yawo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**